Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2010

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA LESIBINI

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha ali – 15 kunye ne rubriki.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha **Tyhila iphepha**

ICANDELO A : ISIHOBE

IMIBONGO EMISELWEYO

VUKANI MADODA KUSILE – IZIBONGO NAMANQAKWANA: Ingqokelela yababhali

UMBUZO 1 (Umbuzo omde)

IMFUNDO: NguShasha N.

Umfundi anganyathela kwezi ngongoma zilandelayo:

- Imfundo **sisixhobo** sobomi. Ngesi sikweko umbhali ubonisa ixabiso lemfundo ebomini kuba isisitshixo sokuvula apho kuvaliweyo.
- Liqul'elingazange loma nanini: Umbhali uzoba umfanekiso ngqondweni wendawo engasoze iphelelwe ngamanzi, linjalo nexabiso lemfundo kuba iyakuhlala ibalulekile ngalo lonke ixesha.
- **Ngumlambo** onzulu ozel'indyebo: Kwangesi sikweko umbhali ukwaqaqambisa eli xabiso lingakanana lemfundo. Yindyebo kuba ngayo uyakwazi ukuphila njengoko nemisebenzi ingakunqabeli.
- **Sisibane** esikhulu esisus'ubumnyama: Esi sikweko sibonisa ukhanyo oluzuzwa ngulowo ufundileyo kuba ngenxa yemfundo izinto uzibona ngendlela eyodwa, iphinde ibeluncedo eluntwini ngokubanzi.
- Inkcubeko izalwa **yimfundo**: Isikweko sizoba iziqhamo ezihle ezibakhona ngenxa yemfundo. Sele sinabantu abachubekileyo nje yile mfundo kuba basilekile/bacocekile.
- Kwimiqolo 7 no 8 uphindaphindo oluxwesileyo lwesenzi 'hlambana' ludala ikhonco eliqhagamshela umcamango okumqolo ongentla nalowo ulandelayo ukubethelela kwa ezi ziqhamo zihle zemfundo, umzekelo ukuncedana, ukusebenzisana, ukuvisisana njalo, njalo.
- Isenzi 'sicumza' esalatha izenzeko (ubundlobongela, uthando) sizoba umfanekiso wento etshatyalaliswayo kuthi nya ngayo.
- Sixabisene, siyimbumba yamanyama: Kuzotywe umfanekiso ngqondweni weliso ube ngathi ubona abantu ababambeneyo, injalo ke imfundo.
- Imfundo **sisikrweqe** sokugxoth'indlala: Esi sikweko sibonisa ukuba ngeke ulale ungatyanga unemfundo kuba isisitshixo sokuvula iminyango evaliweyo.
- Imiqolo 12 no 13 isetyenziselwe ukubonisa ububi obuvelayo obunje ngoozinkcuku, oomona njalo njalo phakathi kwabantu abangenaso esi sitshixo siyimfundo.
- Imiqolo emibini yokugqibela: Umbhali uyashwankathela ukubonakalisa kwa elaa xabiso lingakanana ngemfundo kwaye akuxhamli kuphela ofundileyo, noluntu ngokubanzi. **[10]**

OKANYE

UMBUZO 2 (Umbuzo omfutshane)

INKULULEKO NguMkiva S.

2.1 Ixhoba ngumntu omnyama owayecinezelekile, elwela inkululeko ukuze akhululeke, kanti ixhonti ngamabhulu awayecinezele umntu omnyama. (2)

2.2 Sisikweko sisetyenziselwe ukuqaqambisa ubunzima abathubeleza kubo abamnyama ekuyifumaneni inkululeko (2)

2.3 2.3.1 B/Latyeb'ilizwe, izilwanyana nabantu

2.3.2 C/Zadlala iimpuku nekati

2.3.3 A/Yaluthando kummelwane nakummelwane (3)

2.4 Ngumbongo wezopolitiko/wonkwintsho (1)

2.5 Luphindaphindo oluxwesileyo ludala ikhonkco eliqhagamshela umcamango okumqolo ongasentla nalowo ulandelayo. (2)

(10)

OKANYE

UMBUZO 3 (Umbuzo omfutshane)

UMBAMBUSHE: NguMqhayi S. E. K.

3.1 Luphindaphindo oluselungwini (1)

3.2 3.2.1 Ziwa kulo zonk' iinkosi
3.2.2 Ze ngokuhlwa ziyizonde (2)

3.3 3.3.2/ukungabinanyani (1)

3.4 Kwinkos'uMlawu/IBhilitane/amaNgesi (1)

3.5 Yikumkani/Yinkosi (1)

3.6 Emva kweAnglo Boer War.

Kuba esi sikhalazo sinxulumana ncam nesiya senzo samaBhulu sokunyhwalaza ngenjongo yokuhlutha umhlaba wase Northern Transvaal . Okanye : umbongo unyemba unyhwalazo/ubuqhinga bokunikezela amalungelo abantu abamnyama kumaBhulu ngela xesha lakudala. (2)

3.7 Kukuthatha inja uyisondeze kuwe, uze uyiphathe bumnturha, isuke ivukwe bubunja bayo.

Umzekelo: apha ubhekisa kwisenzo sokubukulwa kukaNkosi uMlawu ngamaBhulu abesungula eziinceke zawo ngokusuka bafune umhlaba ababethe kanti bayawufuna nabo- ukuze balwe kwezi mfazwe ze Anglo Boer War.
[**Nayiphi enye kwezi**] (1)

3.8 Ezithetha kom'amathe (1)
[10]

OKANYE

UMBUZO 4 (Umbuzo omfutshane**)**

ANDIVA MAKWEDINI NguHoho D.

4.1 Unika umfanekiso ngqondweni weliso ube ngathi uyawabona loo makhwenkwe olukela esibhedlele,
- Apho kulalwa kwibhedi ezinamashithi amhlophe qhwa ingezizo iingubo ezisetyenziswa ngokwesithethe bengalali nakumaqonga njengoko isithethe sisitsho.
- apho kutyiwa yonke into zingekapheli nezaa ntsuku zokuqala zisixhenxe.

[**Thabatha impendulo eyamkelekileyo enye**] (2)

4.2 4.2.1 "Isiko ngumlilo wegquba" [Akukho sohlwayo ngokungazifaki iimpawu **zocaphulo nangona kungumthetho nje**] (1)

4.2.2 "Ubudoda bungaphantsi nakwisilivere" [Akukho sohlwayo ngokungazifaki iimpawu **zocaphulo nangona kungumthetho nje**] (1)

4.3 Kuboniswa ukuba ngumba ophambili/ngundaba-mlonyeni kweli siko kuba kuthethwa ngalo kwiitekisi eziviwa zibonwa. (2)

4.4 4.4.1/Nindimangalisile/Nindincamisile (1)

4.5 Inxubile/Inxunguphele, isigama esisetyenziswa yimbongi esinje ngezikhuzo, imibuzo buciko sityhila imo yovakalelo engentlanga (2)

4.6 Kukugcinwa kwesiko lokwaluka ngendlela efanelekileyo (1)
[10]

KUNYE

Imibongo engamiselwanga

UMBUZO 5 (Umbuzo omde)

UMZALI NguMbovane W. N.

- Ufukam'axelis'isikhukukazi: Umbhali uzoba umfanekiso **ngqondweni weliso** ube ngathi ubona umntu okhuseleyo. Wenjenjalo ke umzali kusapho lwakhe
- Ugempez'abe sisiphekepheke: Apha kuzotywa umntu otheth'ehambela phezulu ukuzama amacebo kungalalwa ngamanzi
- Yakulal'ikat'eziko: KwaXhosa iseyintlutha iziko lalisoloko libaswa kuphekiwe, ngoku kwakulala ikat'eziko ithetha ukuthi loo nto kugquba indlala yiyo loo nto umzali ahambela phezulu ukufuna uncedo
- Ukhand'unyawo kugqobhok'umhlaba: Esi sibaxo siqaqambisa oku kuhamba kungaka komzali xa esengxakini ezama ukufumana uncedo ukuhlangula usapho
- Ngeemini zomkhuhlane neentlupheko: Apha kuzotywa umfanekiso ngqondweni wamaxesha obunzima
- Ngunothwal'impahlana oqhelene neenzima: Isikweko esisetyenzisiweyo sibonisa umntu oqhelene nokuhamba efuna uncedo ukulungiselela usapho
- Libhelempe elikhala kungafi mntu: Esi sikweko sinika umfanekiso ngqondweni womntu othetha gqitha kodwa ukuthetha kwakhe kungenabungozi
- Ligqang'elinesithinz'esingarhawuli mntu: Ngesi sikweko uba ngathi ubona isithatha somlilo omkhulu kodwa ongatshisiyo, umbhali ubonakalisa ubushushu bekhaya ngenxa yobukho bomzali
- Lilitye elimtyuba lokulola . . . Ngokusebenzisa esi sikweko esikhatshwa sisichazi, kuboniswa umzali ofikelelekayo, nongqeqesho yakhayo ukubumba ikamva lomntwana
- Kuxobuk'izigulo nentlupheko: Esi sibaxo sibonisa amandla anawo umzali ekwakheni izimo ezizizo
- Kazi liyintoni na ikhaya ngaphandle kwakhe: Lo mbuzo buciko ubonisa ixabiso lomzali phakathi kwekhaya **(10)**

OKANYE

UMBUZO 6 (Umbuzo omfutshane)

6.1 Sisibaxo siqaqambisa ukuhamba okugqithisileyo (2)

6.2 6.2.3/ukukhusela (1)

6.3 Ukutya/Into esiwa phantsi kwempumlo (1)

6.4 Yinyani (1)

6.5 Igqange ngumlilo omkhulu kodwa isimanga umkhulu unjalo awunabungozi. Apha kuqaqanjiswa ubushushu obufumaneka emzalini athi nokuba ulwile kodwa abonakalise ubuzali (2)

6.6 Ukululeka ngokuthetha komzali akunabungozi kuba sukuba ezama ukunxonxa izimo. (2)

6.7 Libhelempe elikhala kungafi mntu (1)
(10)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI

UMBUZO 7 (Umbuzo omde)

NYANA WAM ! NYANA WAM ! NguTamsanqa W. K.

Umfundi unokunyathela kwezi ngongoma:

- UMangaliso ufika eJan Smuts ingumbo nomxesibe ezokuphuthunywa
- Zonke iindidi zabantu zazikuloo nginginya
- Phakathi kwabefundisi ababelapho wayekhona uMaqoma esuke eNxukhwebe
- Intlonipho awayinikwa sisifundisi yokothula iminqwazi xa simbulisa ayilibaleki kwaye iyamangalisa
- Ayilibaleki imincili yomgwenye xa umbona ephephezelisa iqhiya ukubulisa
- Abafike sele ehambile eJan Smuts baleqisa ecaweni yamaWesile - Albert Street apho wayeza kwamkelwa khona
- Nalapha iholo yayizele ime ngembambo ukubonisa ukuxatyiswa kwalo mlinganiswa
- Zithethile izithethi kwavokotheka yabethwa imali zabhokoxeka iipokotho zabantu de kwenziwa imali enjengemali
- Amaphepha-ndaba ngentseni elandelayo ayenzile nawo eyawo ingxelo yemali nokufika kwakhe eJan Smuts elandelwa yinginginya de kwabakho nemifanekiso
- Esi siganeko saba ngundaba-mlonyeni kwiRhawuti lonke
- Le ndumasi ayifumeneyo uMangaliso imenze wamenywa ngabantu ukuba akhe aze kwenza intetho
- Kukwezo ntetho awathi wazibalula kuzo lo mpondozihlanjiwe womfundisi eshiya abantu bengayivali imilomo
- Amehlo awawafumanayo uMangaliso minazana wayeye esibhedlele eyokubona uThozama awangebaliswa ngokungathi kuyaqalwa ukubona umfundisi ondwendwele kweso sibhedlele
- Ukundwendwela kwakhe kwesi sibhedlele kuphinde kwabiza ihlokondiba labelungu elalihamba noMatron
- Umtshato kaMangaliso noThozama wawunyakazela ngabantu, ingoMhlophe noNtsundu nto engaqhelekanga
- Imali ebethwe kuloo mtshato ibe ninzi okumangalisayo nto leyo icacisa ukuba izinto zimhambela kakuhle

- Kwintlanganiso yeSinodi uyazimisa uMangaliso ukuba aye kuyilungisa iGeorge Gorch njengoko bengalungi abefundisi abathunyelwa apho.
- Ebunzimeni uyalinikwa eloo thuba. Kulapho azibalule khona uMangaliso, suke walivusa eli bandla lema nkqi ngenxa yemigudu yakhe
- Oku kulivusa kwakhe eli bandla kuphinde kwamenza undaba-mlonyeni. Kukweso sithuba ahlangana noyise
- Akubona ukuba ibandla laseGeorge Gorch ulivusile ubuyela kwelakowabo nosapho lwakhe **(25)**

OKANYE

UMBUZO 8 (Umbuzo omfutshane)

8.1 UThole usinde cebetshu ekufeni ngenxa yokusuka kuvele amapolisa xa ebesiya kuphoswa echibini lamanzi ngobusuku yimigulukuthu engenanceba. (2)

8.2 Ewe, xa sukuba ukruqukile ngumhlobo wakho awunqweneli kuphinda uzidibanise naye. (2)

8.3 Litshintsha ngeli xesha abuyela esikolweni eDikeni abe nguMangaliso. Ufika enze imimangaliso, azibalule kwiingxoxo mpikiswano, kwiintshumayelo azenzayo. Le mimangaliso ayenzayo iyaqatsela sele ekumazwe aphesheya, eye kumela abafundi kwiingxoxo kanti nangoku sele engumfundisi uzibalula ngohlobo olulodwa kangangokuba ude avuse neGeorge Gorch (3)

8.4 Ewe. UThole uthe sele ethathe isigqibo sokungamhoyi uThemba kodwa waphinda waneentloni lakuzinga ilizwi elimkhwazayo

OKANYE

Kwakhona ezi tshomi zezi zimthatha eBhayi namhlanje ziza kumlahla eKnysna. (2)

8.5 Ndingabaxelela ukuba bakulumkele ukusebenzisa izigqibo ezingezozabo kuba zimfaka engxakini umntu. Nayiphi eyamkelekileyo engachasananga nemithetho yeli lizwe. (1)

8.6 Ebekhweliswe ngelaa xesha adibana nabo eGcuwa xa ebebuya emsebenzini eRhawutini. (2)

8.7 Iya eKnysna (1)

8.8 Kaloku imoto ayikhweleyo isuke yabashiya kwaNti ngakumahlathi aseKnysna baze baqwengwa ziingonyama, bafa abahlobo bakhe yena wasinda. (1)

8.9 Umfundi anganyathela kwezi ngongoma zilandelayo:

- Imoto ibashiya kwaNti kumahlathi aseKnysna kuba iphelelwe yipetroli
- Kuvela iingonyama zibaleqe ze abahlobo bakhe ababini zibaqwenge bafe
- Usinda yena uThole ngokukhwela emthini athe waphuncuka kuwo ngexa ebephupha kodwa waba nokusinda ekuqwengeni zizo ngenxa yokusebenzisa ingqondo
- Akuba esindile ungena esixekweni kuba ebethwa linxele likaKhetsekile
- Endleleni eya esixekweni ubona ithole ezindongeni xa awelayo aze asebenzise elo thuba angene mzini uthile abone ezantsi kwawo inkomo efane neli thole afike avumise
- Uba ngundaba mlonyeni kule lali yenkuntsela legqirha abe ngaloo ndlela uyaphuma endlaleni
- Abazali bakaThole bahlala ekunxunguphaleni kuba babengazange bayifumane eyonyana wabo intloko njengoko babenzile kwezoSonwabo bengamazi ke ngoko nokuba wafa na. (Nasiphi na isithathu) (3)

8.10 Umfundi anganyathela kule mizekelo kodwa iimpendulo ezivakalayo zabafundi ziya kwamkeleka:

- Itshijolo lifa ngobutshijolo
- Isikhuni sibuya nomkhwezeli
- Loo nto uyenzayo uyazenzela (2)

[18]

8.11 Yinyani. Amahla-ndinyuka athe wadibana nawo uThole amenze wathatha isigqibo esifanelekileyo kuba naku ebuyele esikolweni. (2)

8.12
- Uvumela ukumka nomsinga ozitshomi akhwele iimoto angazaziyo ngokunyanzelwa
- Usezwa utywala ngenkani ziitshomi
- Uphandlwa yintombi yaseBhayi, uNomsa kanti uzisa enkathazweni
- Usinda emlonyeni weengonyama aze azibhaqe ebethwa linxele likaKhetsekile
- Ubhenela ekuphileni ngondlela mnyama ngokuzenza igqirha (Nasiphi isithathu) (3)

8.13 Uvuyela ukubona uThole kuba kwakuvakele ukuba ooThemba awaye hamba nabo baqwengwa ziingonyama eKnysna baza bafa (1)

8.14 NguThozama (1)

(25)

UMBUZO 9 (Umbuzo omde)

UKHOZI OLUMAPHIKO: NguSaule N.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma xa ephendula.

UMfazwe ngutitshala odumileyo kwisikolo iFunda apho ahlohla khona izifundo zeMbali. Njengamhlohli wezeMbali umlomo usindwa yimpumlo, nto leyo imenza azibone sele ebanjwa ngulo Rhulumente wocalucalulo kuba entanyiwe. Ufumaniseka emsulwa ngokophando lwamapolisa aze amcele abe yimpimpi yawo njengooFriday. Uyabhebhetha kanti uzibizela ukhwembekhwembe kuba amapolisa asasaza ukuba yimpimpi nto leyo ingamhlalisi kakuhle kuba usuke azibone elikheswa.

- Uthatha isigqibo sokuzama ukulihlamba igama lakhe ngokwenza unakho nakho ukubonisa ukuba uwuchasile umthetho wocalucalulo
- Akethi moya kuba engamkeleki kwiintlanganiso ezibanjwa kwaQaka akhethe ukulibala ngezinto ezenzeka khona, uyazidina aye nangona sele ehlala kwamalume kuba engasenandawo kwaQaka.
- Naxa kungcwatywa amaqhawe kwaQaka awe emzabalazweni anje ngooMachule nooK.K. utyhala ngesifuba aye, alibale ngezinto ezinokumehlela njengoko ubomi bakhe bungcungcuthekiswa ngabantu abanje ngooFriday
- Unesibindi esingumangaliso, akoyiki ngokoyikiswa zizinto ezifana nezintywizisi mehlo ezisetyenziswa ngamapolisa ukuchithachitha abantu
- Sele emana ezingelwa ngobusuku xa ekwaQaka ngooFriday, apho ubomi busemngciphekweni akanikezeli
- Kwizithuthi azikhwelayo ukuya kwaQaka ezintlanganisweni uyasinda naxa sele kwenzeke ingozi.
- Isigqibo asithathayo sokuzihlamba asibi lula kuba udibana nemiqobo apha ekuhlaleni enjengooFriday. Le miqobo yenza kungabikho kuzola nakuzinza okunokude kumenze uMfazwe angabinakho ukuziphumeza iinjongo zakhe. Yiyo loo nto alithathayo icebo likamfundisi uHlathi lokuwela imida
- Sele ewele loo mida udibana nemiceli mingeni kuba indlela ayibilula. Uphephana neembumbulu.
- Amahla ndinyuka awafumanayo awamenzi anikezele kodwa ngawona amenza omelele ngakumbi nangakumbi. Umzekelo amapolisa adibana nawo, izabatha anqumla kuzo kolu hambo. Ukuhamba nzima ucanda amathafa ezintabeni, izoyikiso zomzingeli neengcebiso zakhe akazisi so.
- Kuwo wonke loo mahlandinyuka adibana nawo akanikezeli kuba unento ayisekelezeleyo
- Ngalo lonke ixesha usinda cebetshu noxa abanye besonzakala de abanye bafe.
- Akanikezeli sele edutyulwe emlenzeni wasisiqhwala.
- Xa sele ngoku uqhwithelo ludambile, kubuyelwa emakhaya ziimbacu, yena ufumana iwonga lokuba abe ngomnye ozakuzela imibutho yomzabalazo kuthethathethwano norhulumente wocalucalulo.
- Ekugqibeleni uyaphumelela laa mnqweno wayenawo owamenza akhethe ukubhaca khona ukuze alifumane ithuba lokuwuzalisekisa kuba ngoku unikwa isikhundla sokuba yijaji, najaji echophela ityala likaFriday lowaa wayemngcungcuthekisa.

OKANYE

UMBUZO 10 (Umbuzo Omfutshane)

10.1 Ngexesha localucalulo abasemthethweni babebizwa ngokuba zizinja kuba babe ngenalusini kumntu omnyama.
Ngokuncoma: Kaloku umXhosa into ahlasela ngayo utshaba yinja – ngoko ke ligama elisetyenziswa ngaloo njongo.
Yinja enomsebenzi wokukhusela yaluse ikhaya ngoko ke bona babebizwa ngolu hlobo kuba babesenza kanye lo msebenzi.[**nayiphi eyamkelekileyo**] (2)

10.2 ‘‘Ulunywe kwangoko umzi, yankulu incwina . . . nezinye ezichongwe kwalapha zamkelekile’’ (2)

10.3 10.3.2/kuza kwaziwana (1)

10.4 Ezembali (1)

10.5 Sisifaniso, sibonisa isantya esiphezulu abafundi babehamba ngaso (2)

10.6 1976 (1)

10.7 Kukusasa (1)

10.8 Bafumene besemakhaya koonomathotholo ngokuwa kwegorha lomzabalazo, u - K. K. (2)

10.9 10.9.2/Mfazwe (1)

10.10
- UMfazwe akuba ebanjiwe kusithiwa uyapolitika, abasemthethweni bafuna ukumenza impimpi yawo, bemthembisa ngokumbhatala, uyala
- Abantu ababebanjwa babekhululwa bevumile ukusetyenziswa ngabasemthethweni babe ziimpimpi ze babulelwe ngokubhatalwa umzekelo, Ndlela, Ntsipho
- Kungenxa yeso sizathu esenza bacinga abantu bakwaQaka ukuba makube naye uMfazwe uvumile ukusebenzisana namapolisa. Batsho ke bembiza ngobungcothoza. (3)

10.11 Umfundisi uHlathi ubona uMfazwe enegazi ezinyaweni athi xa elilanda ulifumene xa ebelandela ngobusuku imoto yooFriday afike kuyo kukho abantu abonzakeleyo, ngoku umfundisi unexhala lokubanjwa kwakhe. (2)

10.12 Kungokuba kula maqela omzabalazo ayevalwe umlomo nguRhulumente kwakungekho qela azayamanisa nalo. (2)

10.13 Intsimb’ebomvu (1)

10.14 Kukuya ngemoto kwankosi Zamlandela ukuya kurhatyuliswa (2)

10.15 Ungumntu onobuzali kuba naku emcebisa uMfazwe ngemakakwenze ukuze akhuseleke (2)

AMANQAKU ECANDELO B: 25

ICANDELO C: IDRAMA

UMBUZO 11 (Umbuzo omde)

A - a - a JONGUMSOBOMVU NguMkonto B. B.

Umfundi unokunyathela kwezi ngongoma xa ephendula.

Kulindeleke ukuba umfundi
- Abone ingxoxo njengokusukuzana kwabalinganiswa ngencoko yabo
- Avelise ukuba umlinganiswa wenziwa icace gca into ayimeleyo umzekelo- p13 apho uMaqoma ahambisana no Soga ngemeko yokugula kukaNkosi uNgqika
- Bayevana ngengxaki egqubayo- abacinga bobabini ukuba kukungathathelwa ngqalelo kwezinyanya.

Kulindeleke ukuba umfundi achaphazele ukuba yingxoxo esibonisa inkolo egqubayo kwincwadi le- angacaphula izicatshulwa ezibini ezikhutshiweyo apha.

Angasibonisa iingxoxo ngenkolo: umzekelo Umaqoma okholelwa kwizinyanya

Silindele ukuba abafundi basibonise ukuba kungengxoxo apho sithi sazi abalinganiswa ngezinto abazithetha kwabanye, nezinto abazithetha ngabanye Nendlela abathetha ngayo kubo nangabo bengekho besenza nemizekelo.
Umzekelo:
URufus ukhohlakele unengcinezelo p8.
Uyababetha abasebenzi azincome.
UFliphu ubeka abantu emithandazweni p10.
UMntlane ngumntu onenzondo- ukubiwa kwengqondo p14

UKondile uthi ebantwini uthunywe nguYehova p15- nezinye ke abafundi abanokuziveza.
<u>Indlela ababona ngayo abanye abantu umlinganiswa othile ivezwa ngengxoxo</u>

URufus ubona ikhoboka xa ejonge uToli
USomerset ujongele phantsi uMaqoma oyinkosi ngokuchophela ityala lakhe ezibona yena engumntu omhlophe olijoni.

UMntlane ukholelwa ukuba ingqondo yomkakhe ibiwe ngabefundisi- p14 nezinye
Kulindeleke ukuba bafundi bakhankanye : ukuba idrama isenza ukuba siboniswe uvakalelo lwabalinganiswa ngemiba ethile. Umzekelo
USomerset umbona ukugabadela uMaqoma ngokuchophela ityala likaRufus.

Inzondo egqubayo kula mabutho

Abanye abafundi bangavelisa ukuba ingxoxo kwidrama yenza ukuba izinto esingaziboniyo sizive
Umzekelo 1. isimo sentlalo
Ixesha ezimbalini- siliva ngeencoko zabalinganiswa
Indlela abaphethene ngayo abantu ngenxa yexesha
Iinkolo zabalinganiswa njengoko sele zikhankanyiwe ngentla.
Isinxibo sabo sisiva kwakwezi ngxoxo

Umzekelo 2: Izinto ezenzekayo siziva kwingxoxo
Umtshato p22
Ukungaqabi kukaMamCirha kuyanokozwa kwiincoko zabafazi
Izizathu zokungaqabi siziva kwiincoko/kwiingxoxo.

Lo mbuzo uvulelekile ufuna abafundi abawaziyo umsebenzi wengxoxo kwidrama kuphela. Okubalulekileyo bubuchule babo bokubona oku.
Basengongeza nemiba echaphazela

- Ukwahluka komlinganiswa komnye
- Inxaxheba yale ngxoxo/yamazwi ekuqhubeleni phambili ibali
- Amandla engxoxo ekusiboniseni indawo esikuyo ebalini ngokwesakhiwo sebali eli, sizive ukuba siya esiphelweni- umzekelo ukunikezela kukaNgqika aze ayalele ukuba ooMaqoma nabo mabanikezele aze ke uMaqoma angabi nako ukuba angaqhubela phambili imfazwe efelwe nguyise- ithuba lokuzila. **(25)**

OKANYE

UMBUZO 12 (Umbuzo omfutshane)

12.1 UMaqoma ulwile/usemsindweni (1)

12.2 Ufumene ileta ethi makakhwelele umhlaba olikomkhulu awele iTyhume kuba lo mhlaba akuwo wabelwe amakhoboka akhululiweyo (2)

12.3 Yinyani kuba yinkosi ekhusela isizwe sayo (2)

12.4 Ngumntu okholelwa kwizinyanya (1)

12.5
- Kuhanjwa ngamahashe
- Izakhiwo zezodaka kwaye ngoongquphantsi
- Kukholelwa kwizinyanya
- Izinxibo yimibhaco.(Nezinye)

(Thatha nasiphi isithathu) (3)

12.6 12.6.1 b/Umkhosi wemithika

12.6.2 c/Umfundisi owongamele umkhosi wemithika

12.6.3 a/Iphakathi likaMaqoma (3)

12.7 12.7.1/Ukuba semngciphekweni (1)

12.8 Ithetha ukuthi njengephakathi lenkosi ukulungele nanini ukuphakamisa izigalo ekhusela uMaqoma (2)

12.9 - Iluleka umfazi ngenduku
- Inabafazi abaninzi
- Ingqwabalala (2)

12.10 Hayi (Kulindeleke kuphela impendulo enguHayi) kuba kule mihla kukho imithetho ebekiweyo ukukhusela ukuxhatshazwa kwabantu basetyhini. (2)

12.11 Kungokuba abafazi basetyenziselwe ukuphembelela iimfundiso zabefundisi ngeenjongo zokuwaguqula kwizimo zawo zokuphila. (2)

12.12 Ukuba zibagqobhozile ngokwenene iimfundiso zabefundisi kuba izinto bazibona ngelinye iliso. (1)

12.13 Imizi ayifani, ifana ngeentlanti/Indlela ekuqhutywa ngayo kumzi ngamnye yahlukile. (2)

12.14 (Impendulo evakalayo evela kumfundi iya kwamkeleka) (1)
(25)

UMBUZO 13 (Umbuzo omde)

AMAZA: NguQangule Z.S.

- UDanile uyise kaNamhla ubiza intlanganiso yamaBhele. Kulo ntlanganiso kubonakala ukohlukana kwezimvo kuba amanye amaBhele abonakala engahambisani nesiko lokubonela. Umzekelo uVuyisile ucebisa ukuba uNamhla atshate uLizo amthandayo kunokunyanzeliswa ukuba atshate noSidima angamthandiyo.
- Ukuzama ukusombulula le ngxaki omnye umlinganiswa, uZola uza nomba wesithembu ayekwe uNamhla atshate noLizo abe ngumfazi omncinci.
- Abanye abalinganiswa abanje ngooSabata abamele amaqaba bem'entla bathi isiko lokubonela alisokuze liphanziswe ngamagqobhoka anje ngooVuyisile, Zola njalo njalo.
- Oku ngaboni ngaliso linye kuphantse kwaphakamisa amakhwapha kuba amaqaba ebengafuni nakancinci ukuba isiko lokubonela ligungqiswe.
- Oku kungevisisani ngeembono kubangele amaqaba athathe iibhatyi zawo aphume ngomnyango.
- UDanile obezise isimangalo uzibona eshiyeka yedwa nezifundiswa kungakhange kwathethwa ngazw'inye.

- Akuba uNamhla omele icala lezifundiswa eswelekelwe yindoda uSidima, amaBhele ayahlangana kwakhona ukubonisana ngelisiko lokungenwa axelelwa ngalo uNamhla ngaMacirha.
- Kule ngxoxo kubonakala usekho umsantsa phakathi kwamaqaba nezifundiswa malunga nendlela yokucinga.
- Iqela lezifundiswa lihambisana neembono zikaNamhla zokulibhebhetha eli siko lokungenwa.
- Kuqhawuka kuhlanganwa kule ntlanganiso de amaqaba afune ukubetha.
- Amaqaba awaphumeleli ekulinyanzeliseni eli siko kuba uNamhla umbakraza ucango abashiye kungakhange kuvanwe.
- EmaCirheni kubanjwe intlanganiso kukwaxovulwa lomcimbi wesiko lokungenwa.
- Nalapho kukho ukwahlukana kwezimvo njengoko kukho iqela ekubonakala limele elezifundiswa. Eli qela lihambisana noNamhla olichasileyo eli siko.
- Eli qela lamaqaba linyanzelisa eli siko lidala unxunguphalo olukhokelela kwintlaba zahlukane.
- Ngenxa yoko akude kufikelelwe kusigqibo esamkelekayo ngokokude kwahlukwane.
- ULizo noZodwa: akukuhlanga emtshatweni wesi sibini kuba umtshato wabo awukhange ubenaso isiseko sothando.
- ULizo uxelela uZodwa ngobuxelegu ngendlela enyelisayo.
- Ezi ntetho zimvusela umnyele uZodwa kangangokuba kubekho uxambuliswano de uLizo amxelele ukuba makahambe.
- Kwelinye icala naye uSidima akaphathekanga kakuhle nguNamhla.
- UNamhla umxelela esemsindweni ngoZodwa anomntwana kuye de afanise ngokumbonisa ilifa elisemqolo neenzwane ezifanayo.
- Uba ngazama uSidima ukumthomalalisa ngamazwi eziyalo uNamhla akathomalaliseki de afune ukumqhwaba.
- Kuloo ngxoxo ishushu iphakathi kwabo uNamhla ude akhuphe epokothweni yebhatyi kaSidima ifoto kaZodwa neleta.
- Ngenxa yobushushu bengxoxo uNamhla ethetha engayeki bade bajijisane emthuka ngobunja bakhe uSidima.
- Ubuyela eRhawutini uSidima umoya ungemhlanga konke konke. **(25)**

OKANYE

UMBUZO 14 (Umbuzo omfutshane)

14.1 UNamhla akuwuhloniphanga umzi wakhe kuba:
- Uthandana phandle noLizo de amithe.
- Akakhange abonakalise kuyizilela indoda yakhe.
- Uphendula unothanda kubantu abakhulu.
- Akaziphathanga kakuhle uNamhla njengomfazi kuba uyasela uyatshaya (nasiphina isibini kanti nezinye iimpendulo) (2)

14.2 Uqaba umlomo bomvu/uthwala iwigi/ufunda amaphephandaba (Nayiphi na impendulo) (1)

14.3 Asiyonyani kuba uSidima wabonelwa umfazi onguNamhla (2)

14.4 Ubesenzela ukukhulisa impixano kuba la macala awazukubona ngeliso elinye umzekelo: uNamhla ulichasile isiko lokubonelwa nelokungenwa (2)

14.5 Kukuzikhohlisa kuba uSidima wayecinga umfumene umfazi (2)

14.6 14.6.1/Iindaba ezivakalayo (1)

14.7 Ungamoyamanisa nabengubo kuba uyavuya xa efumanisa into yokokuba akhona amaBhele ahambisana nokokuba uNamhla angenwe liwele lika Sidima. (2)

14.8 Andivumelani kuba umantyi njengomntu omele umthetho ulawulwa ngumgaqo-siseko xa ewisa isigwebo kwaye akukho mntu unalungelo lokunyanzelwa. (3)

14.9 Owomntu ongenamzimba/onciphileyo (1)

14.10 Ngumvandedwa obangelwe kukutshatiswa kwakhe ngenkani noSidima angamthandiyo. (2)

14.11 Ngokwentetho ethe ngqo, itshungu lukhula olufumaneka phakathi kwekhaya. Laziwa ngokonakalisa, kanti ngokwentetho efihlakaleyo kuthethwa ukuthi uNamhla sele kukho into ekhulayo esiswini(umithi), nto leyo iza kuba yingxaki. (2)

14.12 Inyala/Umhlola/Isimanga sokukhulelwa kaNamhla engekakhululi nezila (1)

14.13 Iinkqwithelo, izichotho, imilambo egqumayo, amaza adlokovayo. (Nasiphi isibini.) (2)

14.14 Hayi wabanjwa uLizo (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 25

AMANQAKU EWONKE: 80

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA: IRUBRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SOMBONGO

IRUBRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SOMBONGO ULWIMI LWASEKHAYA 10 AMANQAKU EWONKE	ULWIMI Ifomathi, ukulandelelana kwezimvo, ulwimi, ithoni, isimbo esisetyenziswe	ESEMAGQABINI Ifomathi ichanekile. Intshayelelo nesiphelo zikumgangatho ophezulu. Ulwimi, isimbo, ithoni, irejista ikumgangatho ophezulu	ENCOMEKAYO Isincoko sicwangciswe kakuhle, Intshayelelo nesiphelo zakhiwe ngobunono. Izimvo ziyalandelelana. Isimbo, ithoni, irejista zikumgangatho ophezulu.	ENENDIMA Ifomathi ingqalile kwaye icacile. Intshayelelo, isiphelo neminye imihlathi inxulumene.	EYANELISAYO Ifomathi inobungqina boyilo. Isincoko siyalambatha kunxulumano. Iimposiso zolwimi ezingephi. Ithoni nesimbo zibuchaneka.	ESEMGANGATHWENI Ifomathi ineemposiso zoyilo. Izimvo azinakunamathelana. Iimposiso zolwimi zikho. Ithoni, isimbo azinxulumananga nenjongo yobhalo. Ulwakhiwo lwemihlathi lunemposiso.	EYELELISAYO Ukungacwangcisi nokubekelela okufe amanqe kubulala ukulandeleka kwengxoxo. Iimposiso zolwimi, isimbo esingesiso senza injongo yobhalo ilahleke tu.	EWE PHANTSI Kunzima ukuqonda ukuba injongo yobhalo ifikelelwe. Akukho bungqina boyilo. Ulwimi alukho mgangathweni. Akukho mihlathi nathungelwano.
UMXHOLO Ukutolika isihloko. Ukuchaneka kwengxoxo. Ukuzixhasa nokulandela umbongo.		7 80-100%	6 70-79%	5 60-69%	4 50-59%	3 40-49%	2 30-39%	1 0-29%
ESEMAGQABINI Ulwazi olulodwa lokutolika itekisi. Zonke iinkalo zivelelwe ngokukuko. 90%+ ugqwesile.80-89% ubalasele. Izimvo eziphezulu ezisuka encwadini ukuxhasa impendulo.	7 80 – 100 %	8-10	7-8	7-7½				
ENCOMEKAYO Kumgangatho ophezulu. Zonke iinkalo zivelelwe ngokwamkelekileyo. Izimvo ezahlukeneyo zinikiwe ukuxhasa impendulo.	6 70 – 79 %	7½ -8½	7-8	6½ -7½	6 - 7			
ENENDIMA Ubonakalisa ukuqonda nokutolika isihloko ngokukuko. Izimvo ezicacisayo zinikiwe kodwa azixhaswanga kangako.	5 60 – 69 %	7-8	6½ -7½	6 -7	5½ - 6½	5 - 6		

EYANELISAYO Kukho ukutolika isihloko nangona zingavelelwanga zonke iinkalo. Uluvo luxhaswa ngemizekelo encwadini. Izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abanelisi.	4 50 – 59 %		6 -7	5½ - 6½	5 - 6	4½ - 5½	4 - 5	
ESEMGANGATHWENI Impendulo iphakathi. Ingxoxo ayanelisi yaye luncinci unxulumano phakathi kwesihloko nengxoxo.	3 40 – 49 %			5 - 6	4½ - 5½	4 - 5	3½ - 4½	3 - 4
EYELELISAYO Ukulandela umbongo kunamabhetyebhetye. Kukho uphindaphindo olumana ukuphuma emxholweni. Ingxoxo ayixhaswa ngokukuko.	2 30 – 39 %				4 - 5	3½ – 4½	3 - 4	1 - 3½
EWE PHANTSI Impendulo inokunxulumana nesihloko. Kodwa ingxoxo ayilandeleki, iphumile emxholweni. Amanqaku amkelekileyo awanalo unxulumano nombongo. Ukulandela umbongo kubhetyebhetye.	1 00 – 29 %					3 - 4	1 - 3½	0 – 3

IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI LWENOVELI NEDRAMA

QAPHELA UMAHLUKO WAMANQAKU ABELWE UMXHOLO NALAWO ABELWE ISAKHIWO NOLWIMI

IIKHOWUDI NOLWABIWO MANQAKU		**UMXHOLO (15)** **Ukuchazwa kwesihloko: ubunzuku bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo**	**ULWABIWO-MANQAKU**	**ISAKHIWO NOLWIMI (10)** **Isakhiwo sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungangqinelaniyo, ulwimi, ithoni, nesimbo sokubhala.**
Ikhowudi 7 **80 - 100 %**	**Kugqwesile** **12 -15** **Amanqaku**	Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. Isincoko siphuhlile. (90% + ukugqwesa kwesincoko)Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyokwitekisi. Ulwazi lwerejista/lwetekisiluyancomeka kakhulu.	**Kugqwesile** **8 - 10 Amanqaku**	Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo. Intshayelelo nesiphelo zigqwesile. Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliwe ngokucacileyo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile,ziyathabathekisa kwaye zigqwesile.
Ikhowudi 6 **70 – 79 %**	**Kuphakamile** **10½-11½** **Amanqaku**	UUbonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. Isincoko sicacile. Unike uluhlu. Lwezimvo ezixhaswe kakuhlekwitekisi. Ulwazi lwerejista/lwetekisi luyancomeka kakhulu.	**Kuphakamile** **7 - 7½ Amanqaku**	Isincoko sakhiwe kakuhle. Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka. Izimvo neengcinga zilandeleka lula Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngkuchanelekileyo neenjongo zesincoko. Isinikezelo esihle.
Ikhowudi 5 **60 - 69%**	**Kuphakathi** **9 -10** **Amanqaku**	Ubonakaisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isncoko. Uzamile ukucacisa isincoko. Unike uluhlu lwezimvo ezivakalayo kodwa azixhaswanga ngendlela agqibeleleyo. Ulwazilwerejista netekisi luyabonakala.	**Kuphakathi** **6 - 6½Amanqaku**	Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. Intshayelelo nesiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle. Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle**.**
Ikhowudi 4 **50 - 59 %**	**Kuyanelisa** **7½ -8½** **Amanqaku**	Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. Amanye amanqaku axhasa isihloko ngokwanelisayo. Izimvo ezininzi zixhasiwe nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam. Lukho ulwaziolusisiseko lokuyiqondale jenri netekisi	**Kuyanelisa** **5 - 5½Amanqaku**	Bukho ubungqina besakhiwo esibonakalayo. Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelanayo. Iziphene zolwimi zikhona. Ithoni nesimbo sokubhala zithande zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneka.
Ikhowudi 3 **40 - 49 %**	**Kuzamekile** **6 -7** **Amanqaku**	Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundi akakayilandeli kakuhle le jenri netekisi	**Kuzamekile** **4 - 4½ Amanqaku**	Isakhiwo sibonisa uylo oluxazalala. Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi. Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo. Imihlathi ixazalala.
Ikhowudi 2 **30 - 39 %**	**Kunzima** **4½ -5½** **Amanqaku**	Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphinda – phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni. Akukho zimvo ziphuhlileyo. Ingqiqo ixazalala/ nezimvo azixhaswa kwitekisi. Akanalo tu ulwazi lwale jenri netekisi.	**Kunzima** **3 - 3½ Amanqaku**	Unikezelo aluniki mdla. Ukusilela kucwangciso lukhokelela ekuvubekeni kwezimvo. Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo. Imihlathi ixazalala.
Ikhowudi 1 **0 - 29 %**	**Akaphumelelanga** **0 – 4** **Amanqaku**	Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa kwitekisi. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri.	**Akaphumelelanga** **0 - 2½ Amanqaku**	Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe.Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. Ulwimi life amanqe. Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecalani. Ayikho imihlathi nothungelwano .

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha